Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

testpapers.co.za

# ISIGABA ESIPHEZULU

# IBANGA LESI -9

# EYENKANGA 2014

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

**AMANQAKU:** **60**

**IXESHA:** **2 iiyure**

*9XHHL2*

Olu viwo lunamaphepha ali – 10.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamacandelo amaTHATHU:

   ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda
   ICANDELO B: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
   ICANDELO C: Impendulo kuncwadi

2. Fundisisa YONKE imibuzo kakuhle.

3. Cinga, uqiqe phambi kokuba ubhale.

4. Phendula YONKE imibuzo ngesiXhosa.

5. Sebenzisa amagama amkelekileyo olwimi xa uphendula.

6. Bhala ngokucacileyo, nangokucocekileyo.

7. Nombola imibuzo yakho kanye ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qiniseka ukuba uwaphendule omaTHATHU amacandelo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1: ISICATSHULWA

Funda isicatshulwa esingezantsi, uze uphendule imibuzo elandelayo:

**UMLINGANISWA WASEBRITANI, UNAOMIE HARRIS (36) UDLALA INDIMA KAWINNIE MADIKIZELA – MANDELA, UBALISA ENJENJE:**




Ndikhulele eLondon kwaye bendikukuphela komntwana kumama oyinzalelwane yaseJamaica, uLisselle Kayla owaye ngumbhali wemidlalo kwiTV kumdlalo odumileyo waseBritani, *i-East Enders*. Ndakuthanda ndiselula ukulinganisa, oko ndafunda kwizikolo zemidlalo yeqonga. Ndizuze isidanga ngo-1998 ePembroke College, eCambridge apho ndenza iSocial and Political Sciences. Andizanga ndiyonwabele ikholeji, izifundo zazikude le kweyona nto endandiyifuna yokulinganisa. Ndaqeqeshelwa ukudlala imidlalo yeqonga kwisikolo saseBriston Old Vic Theatre. Indima yam enkulu yayikwifilim eyayisithi – *28 days later* ngo 2002. Kanye emva koko, aqala athontelana amathuba okudlala kwifilim kodwa ezona ezaqaphelekayo nguMiami Vic Theatre engo – 2006, *Pirates of the Caribbean* nefilm kaJames Bond yama – 23, *uSkyfallngo* 2012.

**INDIMA KAWINNIE MANDELA**

Ndiye ndaziva ndimncinane kule ndima. Kaloku uWinnie uhloniphekile kweli nakwihlabathi liphela. Abantu baneembono ezintsonkothileyo malunga nomntu anguye, kwaye bendisoyika ukuzama ukufikelela kwelonqanaba, kwaye ndinoxanduva lokuveza okukule filim. Ndaye ndaqonda ukuba kuzakufuneka ndazane noWinnie phambi kokuba ndidlale indima yakhe, kuba ukuba ndandingakwenzanga oko kwakuya kuba nzima ukufumana ubunzulu kwilizwi lakhe. Ukudibana naye kuye kwandoyikisa ngakumbi. Ndambuza ukuba ufuna ukulinganiswa njengomntu onjani? Wathi ufuna abantu bazi inyani ngaye kwaye ufuna ndidlale indima yakhe ngokunyanisekileyo. Waye wandikhulula ukuba ndenzengohlobo endibona ngalo, wathi undibona njengoyena mntu okulungeleyo ukulinganisa yena. Kwandichukumisa kakhulu ukumva esitsho. Ndandingazi nto ngaye, ngaphandle kokuba eyinkosikazi kaNelson Mandela.

Lundenzela iintloni ulwazi lwam oluncinane. Eyona nto ibalulekileyo ngale filim kukuba izakufundisa abantu ngembali yeli xesha. Ndicinga ukuba abantu abaninzi abakumazwe angaphandle abamazi ncam ukuba uWinnie Mandela ngubani kunye nendima awayidlalayo kumzabalazo nobomi bukaMandela. Le filim indifundise ukuba uWinnie yinkokheli kunye nejoni lemfazwe, umzabalazi owenze umahluko omkhulu ingakumbi kulutsha lwaseSoweto ngexesha lengcinezelo. Wayenamandla ngela xesha kwaye amapolisa ayemoyika. Ukundlandlathekiswa ngamapolisa kwamqinisa, loo nto yayiwoyikisa. Ngomnye wabantu abambalwa ababephikisana norhulumente welo xesha kwaye wayefumana inkxaso kumazwe angaphandle. UWinnie wayesithi akuthetha kuvakale kulo lonke ihlabathi, bambalwa kakhulu abantu ababenawo loo mandla. Ndifunde lukhulu ngeli lizwe kulefilim, lilizwe elinothando, elinoxolo novelwano.

**ABADLALI BAPHESHEYA ABADLALA IINDIMA ZAMAGORHA ELI.**

Njengomntu wasemzini ndiqale ndanedyudyu. Ingaba ndiyiphuhlise ngokwanelisayo indima kaWinnie noMandela? Ndandizibuza lo mbuzo. Kodwa ekugqibeleni, ndiye ndaziva ndineqhayiya nokuzithemba kwindawo yam kule filim. Ngelishwa, ukuze ufikelele kwihlabathi lonke kufuneka abadlali abakumgangatho wehlabathi kwaye yinyaniso emsulwa leyo. Okubalulekileyo kukuba sibalise ibali elingangxengwanga kwaye nokuzimisela ukusebenza neqela lale filim bekumangalisa. Abemi beli bayazingca ngenene ngebali labo kwaye ndiyakuthanda ukudlamnka nokuzinikela kwabo.

[Sicatshulwe Kwi *Bona* EyoMqungu 2014]

1.1 Ngubani uNaomie kule tekisi okanye ngokwesi sicatshulwa? (1)

1.2 UWinnie uchazwa njenge nkokheli kunye nejoni lemfazwe. Ngokoluvo lwakho ucinga ukuba inkokheli kufuneka ibeneziphi iiphawu? (2)

1.3 Nika intsingiselo yeli gama lingezantsi ngendlela elisetyenziswe ngayo kwisicatshulwa.

Ukundlandlathekiswa (2)

1.4 Chonga into ibeNYE athe wafunda lukhulu ngayo ngeli lizwe kulefilim uNaomie. (1)

1.5 Ingaba ilizwe lase London lilizwe laphi kulamazwe alandelayo? Khetha libe liNYE kula angezantsi.

A Lase-Afrika
B Laphesheya
C Lase Mzantsi Afrika (1)

1.6 Likufundisa ntoni eli bali njengomfundi xa ulifunda malunga neminqweno onayo ebomini? (4)


1.7 Ngokoluvo lwakho vakalelo luni onalo ngoWinnie ngendlela achazwa ngayo nokulwela inkululeko yaseMzantsi Afrika? (4)

1.8 Shwankathela iingongoma eziphambili kwesi sicatshulwa singentla ngokusebenzisa awakho amazwi. Ubude besishwankathelo bube ngamagama angama-70–80. (5)

**AMANQAKU ECANDELO A: 20**

## ICANDELO B: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 2




2.1 Chonga izimelabizo zoqobo eziBINI ezifumaneka kwibloko yesi-2. (½ + ½) (1)

2.2 Nika isimaphambili sesi sibizo singezantsi esifumaneka kwibloko yesi-3.

Iziqhamo (1)

2.3 Chonga isimnini esifumaneka kwibloko yoku-1. (1)

2.4 Isivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi esingentla kwibloko yesi- 3 sikwingxelo ntetho, siguqule sibe kwintetho ngqo. (2)

2.5 Sebenzisa isichasi seli gama u-kakuhle ofumaneka kwibloko yesi-2 kwisivakalisi. (1)

2.6 Khetha isihlomelo sendawo esifumaneka kwibloko yesi- 2. (1)

2.7 Nika isigaba sentetho segama elibhalwe ngqindilili kwibloko yesi-3. (1)

2.8 Kwibloko yesi-4 isivakalisi esithi-“Ndiva kamnandi xa ndincedisayo.” Ingaba sikweliphi ixesha? (1)

2.9 Phawu luni lokubhala olufumaneka kwibloko yokuqala ngaphandle kwesingxi? (1)
**[10]**

**UMBUZO 3**

Bhala lo mhlathana ngendlela efanelekileyo ulandela imigaqo eyamkelekileyo yobhalo.

**ITHANDAZWE IKHALIPHA LIKHOTHAMILE – UWILE UMTH’OMKHULU**

Umhla we-05 kweyomnga -2013 ngentsimbi ye-20:50 ngobu busuku okamadiba uye walandulela eli hlabathi. Yonke into yema zole, tu, zagoba iintloko zijongise ezantsi amila amaphiko ababazela, wema umzimba wayo yonke into ngxii. Kwaye kwacaca gca ukuba ukhona undonakele. Yintoni na esifanele ukuyenza sisizwe soMzantsi Afrika. *(Inxeba livakele emzini wakwaMadiba*)

[Ithathwe kwi-*IZIMVO ZABANTSUNDU* yama-20 eYomnga 2013]

(5 x 1) **[5]**

**UMBUZO 4**

4.1 Nika amagama amaTHATHU athetha into enye neli gama – “walandulela”. (3)

4.2 Yakha iqhalo ngezizibizo zilandelayo.

4.2.1 Umthi (2)

4.2.2 Inxeba (2)

4.3 Nika isisekelo sesi sibizo singezantsi.

Iphiko (1)

4.4 Khetha isimelabizo esifumanekayo kumhlathi ongentla kumqolo wesibini, uchaze nodidi lwaso. (2)
**[10]**

## UMBUZO 5

Tshatisa la macala mabini ngokuthi ubhale kuphela unobumba ecaleni kwenombolo nganye yombuzo: umzekelo 5.1 F.

| | A | | B |
|---|---|---|---|
| 5.1 | Zagoba iintloko | A | Isichazi soquko |
| 5.2 | Yonke | B | Isihlanganisi |
| 5.3 | Amila amaphiko, abhabhazela, wema umzimba | C | Ukuthozama |
| 5.4 | Ukuba | D | Intloko |
| 5.5 | Inkokheli yekhaya | E | Uhlobo lolandelelwano |

(5 x 1) **[5]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMPENDULO KUNCWADI

### UMBUZO 6: UMBONGO

Fundisisa lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo ebuzwe kuwo.

Yinqwelo le madoda
Yinqwelo-ntaka
Hayi yinqwelo-moya
Ayikhethe hlanga
Ingakhethebani.

Ayibhubhis’iyawacisa
Noko thina iyasimangalisa
Kuba kaloku iyasoyikisa
Ayimagqirha ayinachiza
Ayinangcambu ayinamayeza.
…………………………..
…………………………..
Baphina abameli bangomso?
Baphina abaphathi bangomso?
Kubakalok’ugawul’ulutsha
Ngob’uthath’umthinjana
Ngobawen’ugawul’umlisela.

Baw’umthetho siwaphule
Kuba Wen’utshil’ukuthi
“Uze ungakrexezi”.
Noko thina asananza
Namhla siyahamba.

[M. Mqutheni]

Phendula le mibuzo ilandelayo ugxile kumbongo ongasentla.

6.1 Lo mhobe ungawunika sihloko sini? (1)

6.2 Kutheni imbongi isithi oku akuchazayo embongweni ngentla yinqwelo? (1)

6.3 Zizafobe zini ezisetyenziswe yimbongi kule mihlathi ilandelayo?

6.3.1 kumhlathi wokuqala kumqolo woku-1 nowe-3 (1)

6.3.2 kumhlathi wesine kumqolo wama-20 (1)

6.4 Phawula ngemo obhalwe ngawo lo mbongo. Ingaba yimo yobumnandi okanye yobuhlungu? Xhasa impendulo yakho. (1)

6.5 Ungantoni umxholo walo mbongo? Nabisa uluvo lwakho. (2)

6.6 Caphula imvano siphelo efumaneka kumhlathi wesithathu. (1)

6.7 Ngcebiso ni ongayinika ulutsha malunga nale nqwelo ichazwa kulo mbongo? (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 10**
**AMANQAKU EWONKE: 60**
**AMANQAKU AGUQULELWE (60 ÷ 2): 30**